# VAKALISA ULUVO LWAKHO
# ISIMEMO SEGALELO LOLUNTU

## IKOMITI YEMICIMBI YESEBE LEMITHOMBO YEZIMBIWA NEPETROLIYAM
## UMTHETHO OYILWAYO WENKAMPANI YESIZWE YEPETROLIYAM YASEMZANTSI AFRIKA [B2 – 2026]

**Ngokuhambelana nenjongo engundoqo yePalamente yokuququzelela intathonxaxheba yoluntu kunye nokubandakanyeka kwiinkqubo zomthetho, iKomiti yeMicimbi yeSebe leMithombo yeziMbiwa nePetroliyam imema abantu abanomdla kunye nabachaphazelekayo abafanelekileyo ukuba bangenise izimvo ezibhaliweyo kwaye babonise umdla wokwenza intetho ngomlomo kuMthetho oYilwayo weNkampani yeSizwe yePetroliyam yaseMzantsi Afrika [B2 – 2026]**

**Injongo yalo Mthetho oYilwayo kukubonelela ngokusekwa kweNkampani yeSizwe yePetroliyam yaseMzantsi Afrika (iSANPC); ukuze icacise izinto kunye nemisebenzi yayo; kunye nokulawula ulawulo lwayo, kubandakanywa ukuqeshwa kunye nokwakhiwa kweBhodi yayo kunye nolawulo lwesigqeba. Lo Mthetho oYilwayo ukwabonelela ngokudityaniswa nokudluliselwa kwempahla kwiNkampani; ubeka izibonelelo ezinxulumene nolawulo lwemali; uze uchaze ngokuqeshwa kweGosa eliyiNtloko lesiGqeba, iGosa eliyiNtloko lezeMali, kunye nabanye abasebenzi. Ukongeza, wenza amalungiselelo enguqu okudluliselwa kwezibonelelo zabasebenzi kunye nempahla esuka kwiNkampani yoPhuhliso lweGesi yaseMzantsi Afrika (i-iGas), iNgxowamali yeSibaso yobuChule (iSFF), kunye neQumrhu lePetroliyam yeoli neGesi yaseMzantsi Afrika (iPetroSA) kwiSANPC, ngokunjalo nemiba ehambelana noko.**

**Iziphakamiso ezibhaliweyo mazithunyelwe kwiKomiti yeMicimbi yeSebe leMithombo yeziMbiwa nePetroliyam, zisiwe ku: Nks Ayanda Boss, PO Box 15, Cape Town, 8000, zi-imeyilelwe kusanpc-pcmpr@parliament.gov.za okanye zithunyelwe ngefeksi ku086 691 4093 kwaye kufuneka zifike ingadlulanga intsimbi ye16:00 ngoLwesiHlanu, umhla we 10 kweyeKhala 2026. Nceda ubonise umdla wakho wokwenza intetho ngomlomo kwiKomiti.**

**Ngemibuzo okanye ukufumana ikopi yalo Mthetho oYilwayo, nceda uqhagamshelane noNksz Ayanda Boss kule nombolo: 021 403 3768; Iselula: 083 709 8515; i-imeyile: aboss@parliament.gov.za ; okanye ungene kwiwebhusayithi yePalamente ku-www.parliament.gov.za**

